

IIMPAWU EZINTANDATHU ZENJA ENOMGADA EKUFUNEKA ABANINI ZILOQABANE BAZIJONGE



Umgada sisifo esimandundu esibangwa yintsholongwane ehlasela ubuchopho kunye nomxokomezelo wemithamboluvo yezilwanyana kunye neyabantu. Isilwanyana esinomgada sinokubonisa mhlawumbi "uhlobo lokuphambana" lomgada okanye "uhlobo lobudenge" lomgada. Kuhlobo lokuphambana, izilwanyana zibonisa iziqendu zenkxalabo engachazekiyo, imincili kunye nobundlongondlongo, ngexa ngohlobo lobudenge, izilwanyana ziba noxinzelelo ngokungaqhelekanga kwaye zithule. Izilwanyana zinokuqala ukubonisa iimpawu kwiiveki okanye kwiinyanga emva kokuba zilunywe okanye zikrwentsewe sisilwanyana esinomgada, xesha elo sinokuba silityelwe isihlo eso. Kubaluleke kakhulu ukuba abanini balumke ekunakaneni ukuziphatha kwezilwanyana zabo kwaye bajonge iimpawu njengoko kuxoxwe ngazo ngezantsi. Ukuba ngaba isiloqabane sakho asigonywanga ngokupheleleyo kumgada kwaye besingajongwangwa kwaye sinezilwanyana ezingagonyongwanga, ezasekhaya nezasendle, yimfuneko ukuwukhuphela ngaphandle umgada. Ukuba ngabainja yakho ibonisa naziphi na iimpawu ezilandelayo, kufuneka isiwe kugqirha wezilwanyana ngaphandle kokulibazisa ukuyohlola unobangela weempawu kunye nokuwukhuphela ngaphandle okanye ukuwuqinisekisa umgada.

1. UTSHINTSHO EKUZIPHATHENI

Utshintsho ekuziphatheni lolunye lweempawu zokuqala ezaziwayo zomgada. Izinja ezithuleyo nezikhululekileyo zinokuphazamiseka okanye zibe ndlongondlongo kwaye zibe ngapha nangapha okanye izinja ezindlongondlongo ngokungaphaya zinokuba phakuphaku, zibe neentloni okanye zithobebe. Utshintsho ekuziphatheni kunokungasoloko kubangelwa ngumgada kodwa kufuneka iphandweinja ukuba ngaba kukho ingozi yomgada. Utshintsho ekuziphatheni enjeni enomgada luyingozi kakhulu. Olu tshintsho lunokubanga ukubainja yakho ibe nobundlongondlongo kwaye izame ukukuluma okanye ikuhlasele ngaphandle kokuba ibe iqaliwe. Ukuba ngabainja inomgada kwaye ilume esinye isilwanyana okanye umntu, usulelo lomgada lunokosulela ngokulula kakhulu lusuka kwinja eyosulelweyo lusiya kwixhoba.

2. UKUHAMBA IDYAZELA

Ukuhamba ngokugxadazela okanye ukungabikho kokungalungelelani ixesha elininzi lolunye lweempawu zokuqala ezinxulunyaniswa nomgada ezinjani. Kubonakala ngathi ayizinzangainja okanye "inxilile". Kunokwenzeka ukuba uphawu lunokuphazanyiswa nezinye iingxaki zempilo, ngoko ke nika ingqalelo esondeleyo enjeni yakho ukuba ngaba ivele igxadazele ngesiqophe, oko okungabangwa ngumonzakalo obonakalayo. Ukubhadula nje kananjalo luphawu olukrokrelwayo lomgada.

3. UBUNZIMA BOKUGINYA/INGXAKI YOKUBA NGATHI KUXINGE ITHAMBO EMQALeni

Umgada unokubanga ukushwabana kwezihlunu zomqala kwaye wenze kube nzima okanye zingakwazi ukuginya izinja. Izinja zinokrwela ngophuphu okanye kwaye zikrwentse imilomo okanye imiqala yazo kwaye abanini bazo banokucinga ukuba zinento efana nethambo elixinge emlonyeni okanye emqaleni. Kulumkele ukuyijongainja ebonisa olu phawu, ingakumbi ukuba umgada uyakrokrelwa, kuba unokusulela ngamathe umgada.

4. UKUVUZA KWAMATHE OKUGQITHISILEYO

Ukuvuza amathe ngokugqithisileyo kunokungasoloko kunxulumene nomgada kwaye kunokubangwa luluhlu olubanzi lweemeko. Nakuba kunjalo, ukuvuza amathe ngokugqithisileyo okunezinye iimpawu ezikolu luhlu okanye ukuvuza amathe ngokugqithisileyo okukhupha imithamo egqithisileyo inokuba luphawu lomgada. Ukuba ngabainja yakho iphuma amathe agqithisileyo, akukhathaliseki nokuba abangwe yintoni na, kufuneka ihlolwe ngugqirha wezilwanyana ngoko nangoko.

5. UKUXHUZULA

Ukuxhuzula ngokunokwako ayikokuba kukhombisa umgada kwaye kunokubangwa luluhlu olubanzi lweemeko. Nakuba kunjalo, ukuxhuzula okunezinye iimpawu ezidweliswe apha, okanye ukuqala kokuxhuzula ngesiqophe kuyo nayiphiinja engawugonyelwanga umgada, kufuneka kuxhalabise ngalo lonke ixesha kwaye kuphandwe ngokukhawuleza.

6. UKUSHWABANA

Ukushwabana okanye ubuthathaka kuqhele ukuba luphawu lwebakala lokugqibela lomgada. Ukushwabana kunokubangwa ziimeko ezininzi kwayeinja enokushwabana kufuneka isiwe kugqirha wezilwanyana okufutshane ngokukhawuleza. Xa kuhamba nezinye iimpawu ezikolu luhlu, luphawu oluhambekana nomgada. Njengoko iuqhubela phambili umgada kwisilwanyana esosulelekileyo, ubanga ukushwabana okuqhubayo kwezihlunu. Ngokuqhelekileyo, oku kushwabana kuqala emqaleni, kodwa ekugqibeleni kunabela emzimbeni wonke.

Inja enomgada iya kufa kwiveki kwaye alukho unyango lwesi sifo. Thintela umgada obulalayo kwaye uqinisekise ukubainja yakho (nekati)iwugonyelwe ngokwaneleyo umgada.

Ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana neGcisa leMpilo yeziLwanyana, ugqirha wezilwanyana wabucala okanye uGqirha weziLwanyana kaRhulumente.

ICandelwana: IMpilo yeziLwanyana	Candelwana: IMigangatho yokuNgeniswa kunye nokuKhutshelwa ngaPhandle kokuTyA
IMpilo yeziLwanyana Umnxeba: +27 12 319 7456, Ifeksi: +27 12 319 7218 I-imeyile: PA.DAH@dalrrd.gov.za Iwebhusayithi: www.dalrrd.gov.za	Uphiko Lokukhuthazwa Kwempilo Yezilwane Ucingo: +27 12 319 6004/6117/6444, I-imeyili: info.sps@dalrrd.gov.za Iwebhusayithi: www.dalrrd.gov.za



**agriculture, land reform
& rural development**

Department:
Agriculture, Land Reform and Rural Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

